ISIFUNDO SESIKOLO
SESABATHA SABANTU
ABADALA

SEVENTH-DAY ADVENTIST CHURCH

3 IGOSPILE KUMAGALATI



OKUQULATHIWEYO

1	UPawulos: Umpostile WeeNtlanga—Juni 24–30	6
2	Igunya LikaPawulos NeGospile—Julayi 1–7	14
3	Ubunye BeGospile—Julayi 8–14	22
4	Ukugwetyelwa Ngokholo Kuphela—Julayi 15–21	30
5	Ukholo LweTestamente ENdala—Julayi 22–28	38
6	Ukuhamba Phambili Kwesithembiso—Julayi 29–Agasti 4	46
7	Indlela Esinga Elukholweni—Agasti 5–11	56
8	Amakhoboka Abazindlamafa—Agasti 12–18	64
9	Isibheno SikaMalusi UPawulos—Agasti 19–25	72
10	Iminqophiso Emibini—Agasti 26–Septemba 1	80
11	Inkululeko KuKristu—Septemba 2–8	88
12	Ukuphila NgokoMoya—Septemba 9–15	96
13	IGospile Kunye NeBandla—Septemba 16–22	104
14	Ukuqhayisa Ngomnqamlezo—Septemba 23–29	112

IOfisi Yabahleli:
12501 Old Columbia Pike,
Silver Spring, M D 20904

Ungabafumana naku:
www.absg.adventist.org

Onegalelo Elikhulu Esifundweni:
Robert McIver

Umhleli:
Clifford R. Goldstein

Isekela-mhleli:
Soraya Homayouni

Umanejala Wopapasho:
Lea Alexander Greve

Oncedisayo Ekuhleleni:
Sharon Thomas-Crews

Ohlanganisa Konke EPacific Press®:
Wendy Marcum

Umzobi Nocwangciso:
Lars Justinen
Oguqulele EsiXhoseni:
Mpumelelo Iton Buwa

© 2017 General Conference of Seventh-day Adventists®. Onke amalungelo agodliwe. Akukho ndawo kwiSikhokelo Sokufundwa kweBhayibhile Sesikolo SeSabatha Sabantu Abadala, (uMgangatho oHleliweyo) inokuhlelwa, itshintshwe, ilungiswe, iqhelaniswe, iguqulwe, yandiswe, okanye ipapashwe ngumntu okanye umbutho ngaphandle kokuba, phambi koko, kufunyanwe isigunyaziso esibhaliweyo esiphuma kwiGeneral Conference of Seventh-day Adventists®. Ii-ofisi zezahlulo zeGeneral Conference of Seventh-day Adventists® zinegunya lokulungiselela ukuguqulwa kweSikhokelo Sokufundwa kweBhayibhile Sesikolo SeSabatha Sabantu Abadala phantsi kwemiqathango ekhokelayo emiselweyo. Ilungelo lobunini benguqulelo ezinjalo kunye nokusasaza kwazo kuya kuhlala kulilungelo leGeneral Conference. U-"Seventh-day Adventist," "Adventist" kunye ne`logo' yelangatye ziimpawu zorhwebo ezisemthethweni zeGeneral Conference of Seventh-day Adventists® kwaye azinako ukusetyenziswa ngaphandle kokuba, ngaphambi koko, kufunyanwe isigunyaziso esiphuma kwi-General Conference.

Isikhokelo Sesifundo Sesikolo SeSabatha Sabantu Abadala silungiswa yi-ofisi ejongene neZikhokelo Zokufundwa KweBhayibhile Ngabantu Abadala kwiNkomfa Eyongameleyo (General Conference) yaBalindi (Seventh-day Adventists). Isikhokelo esi siphantsi kwenkokelo yeQumrhu elipapasha izikhokelo zokufunda iBhayibhile. Isikhokelo esipapashiweyo sibonisa igalelo lekomiti yelizwe ngokubanzi ehlola umgangatho nokuvuma kweBhodi yosasazo lweSikolo SeSabatha ukuze ngolo hlobo isifundo singabi ziingcamango zombhali okanye ababhali kuphela.

UMartin Luther nomaGalati

Ilizwe lobuProtestanti lizilungiselela ukubhiyozela umnyaka wama-500 woHlaziyo lobuProtestanti, xa uMartin Luther—ekhokelwa nguMoya Oyingcwele wazisa kwizigidi iinyaniso ezibalulekileyo zeBhayibhile, ekwakukade zafihlwa phantsi kweenkulungwane zeenkolo nezithethe. Umntu ebengaxoxa athi, kumaphepha kamaGalati (kunye namaRoma) ubuProtestanti bazalwa kwisithuba samawaka eminyaka eyadlulayo! Kwakungexesha awayefunda amaGalati, ukuqala kukaMartin Luther ukuchukunyiswa ziindaba ezilungileyo ezinozuko zobulungisa ngokholo, inyaniso enkulu eyazala uHlaziyo lobuProtestanti, olwalukhulula izigidi kwiminyaka yemposiso yokwazi ngoThixo kunye nenkonzo. Into awayifunda kule ncwadi yamtshintsha uLuther, lona ilizwe alabuya liphinde lifane nakuqala.

ABalindi, kwiinkulungwane eziliqela emva kukaLuther, nawo axhomekeka kumaGalati. Ngokufunda amaGalati, uE J Waggoner noA T Jones banceda iBandla laBalindi ngesithuba se-1880 nawama-90 ukuba liphinde liyifumane inyaniso yobulungisa ngokholo.

Yintoni le kumaGalati eyenze ukuba le ncwadi ibe ngumqolo woHlaziyo lobuProstestanti? Ikwaze njani ukuchukumisa iintliziyo zabantu abaninzi kangako, njengoMartin Luther? Ngendlela angenancwadi afana nayo eBhayibhileni, amaGalati athetha ngemixholo eliqela ebalulekileyo kumphefumlo womKristu. KukumaGalati apho uPawulos athetha ngomba wenkululeko, indawo yomthetho ekusindisweni, imeko yethu kuKristu, nemeko yobomi obukhokelwa nguMoya, kunye nombuzo omdala, othi, Bangenziwa njani abantu

abangaboni ukuba balunge phambi koThixo ongcwele nolilungisa? Yayingulo mbuzo, mhlawumbi, ngaphezu kweminye, owatyhalela uMartin Luther kwindlela awayiqalayo nangazange aphinde abuye mva kuyo.

Kakade, ezinye iincwadi, njengamaRoma, ziyathetha ngale miba minye, kodwa umaGalati wahlukile. Ayanelanga kuphela ukuba ibe mfutshane, kodwa imixholo yayo etyebileyo ibhalwe ngelizwi eliphuma emntwini elityhila yena kwanovelwano lomalusi olungenako ukungazichukumisi zivuleke ngakuMoya kaThixo iintliziyo, nanamhla oku.

Nangona ileta kaPawulos ithetha kuthi buqu, ukuqonda kwethu kunokomelezwa ukuba siyayiqonda imbali eyintsusa yemeko uPawulos, awayethetha ngayo ephantsi kwenkokhelo kaMoya Oyingcwele.

Iimfundimani ezininzi zikholelwa ukuba amaGalati inokuba yayiyeyona leta yokuqala kaPawulos mhlawumbi yabhalwa ngolwe-AD 49, emva kwentlanganiso eyayibalulekile eYerusalem (IZenzo 15:1). Incwadi inokuba yeyona indala eyaziwayo kwezobuKristu. Njengoko iZenzo namaGalati zibeka kucace, ibandla lokuqala lazifumana lisedabini elikhulu ngemo yosindiso, ngakumbi ngokubhekiselele eziNtlangeni. Ngokweqela lamakholwa amaYuda, elalibizwa ngokuba ngabenzi bobuYuda, ukukholwa kuYesu kuphela kwakunganelanga kwiiNtlanga. IiNtlanga kwakufuneka zide zaluke nokwaluka zize zilandele imithetho kaMoses (IZenzo 15:1). Akumangalisi ngoko ukuba, uPawulos akuba eseke ibandla leeNtlanga eGalatiya, abanye bala maYuda baya khona ukuya “kulungisa izinto.”

Lathi lakufika kuPawulos ilizwi ngale ngxaki, wasabela “ngomsindo.” Eqonda ukuba le vangeli igwenxa yosindiso ngokholo nemisebenzi iza kusingela phantsi umsebenzi kaKristu, uPawulos wabhalela amaGalati enika inkuselo enomfutho kwivangeli. Ngawona mazwi alukhuni, wayeveza le mfundiso igwenxa ukuba iyintoni na kanye –ugxininiso emthethweni, qwaba.

Isifundo sale kota sisimemela kuhambo nompostile uPawulos njengoko ecenga amaGalati ukuba ahlale enyanisekile kuYesu. Kwangelo xesha linye, sikwasinika ithuba lokuba sicinge ngokwethu ukuziqonda iinyaniso ezavulela uMartin Luther ukuba ekugqibeleni ahlukane neRoma kwakunye nokubuyiselwa kwevangeli yeBhayibhile.

UCarl Cosaert, PhD, uyiprofesa yezifundo zeBhayibhile eWalla Walla University eCollege Place, Washington.

Take your spiritual life to a higher level!

Believe His Prophets is a five-year program reading through the Bible and selected writings of Ellen White. Receive daily Bible readings, interactive blogs and select inspirational writings. **#BHP20**

United in Prayer is a dynamic, worldwide movement to pray with others. Share and receive testimonies, prayer ideas, requests, practical helps, and inspirational messages. **#PrayerWithOthers**

Sign up for both **at www.RevivalandReformation.org**

GLOBAL STUDY PROGRAM

Believe His Prophets

Every day in God's Word
and the Spirit of Prophecy

GLOBAL PRAYER CIRCLE

UNITED in PRAYER

Every day in Prayer
with God's People

SEVENTH-DAY ADVENTIST® CHURCH

www.RevivalandReformation.org